


Ingcwele Yomnqophiso Omtsha



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Eks. 25:8; Isa. 53:4–12; Heb. 10:4; Heb. 9:14; Heb. 8:1–6; 1 Tim. 2:5, 6.

Indima Yenkumbulo:

“Nangenxa ke yoko, unguamlameli womnqophiso omtsha, ukuze bathi abo babiziweyo balamkele idinga lelifa elingunaphakade” (*Hebhere 9:15, RSV*).

Urhatya olungenanyanga, kuthe nzwanga kwisithokothoko sobumnyama, uFrank wayehamba apho ebumnyameni eyedwa kwizitrato ezibetha umoya. Emva kwexesha weva ugxashigxashi wamanyathelo emva kwakhe; kukho omlandelayo ebumnyameni. Waya wafika kuye lo mntu wathi, “Frank, umshicileli?” “Ewe, ndinguye. Phofu undaze njani?” “Hayi, andikwazi,” waphendula ongaziwayo. “Kodwa ndazi umntakwenu kakhulu, kanganguku nasebumnyameni isimbo, indlela yokuhamba, isithomo sakho zonke zindikhumbuze kakhulu yena ndaza ndacinga ukuba ungumntakwabo, kuba wandixelela ukuba unaye umntakwabo. Eli bali lityhila inyaniso enamandla ngokubhekiselele kwinkonzo yengcwele kaIsrayeli. IBhayibhile ithi le nkonzo yayisisithunzi, umfanekiselo woqobo. Phofu ke, kwakukuninzi ezithunzini nakwimifanekiselo okubonisa uqobo ngokucacileyo kwangaphambili, kutyhile iinyaniso ezazimele zona ezi zithunzi: ukufa, ulungiselelo lobubingeleli obukhulu bukaKristu engcweleni yasezulwini.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Kwakutheni ukuze uThixo afune ukuba amaIsrayeli akhe ingcwele? Isifundisa ntoni ingcwele ngoKristu njengothabathe indawo yethu? Wenza ntoni ezulwini njengoMmeli wethu?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaJuni 12.*

Ulwalamano

“Ndiwumise umnquba wam phakathi kwenu, ningadimalelwa ngumphefumlo wam. Nдохamba phakathi kwenu, ndibe nguThixo wenu, nina nibe ngabantu bam” (Lev. 26:11, 12).

Kukho into enye efanele ukuba icacile ngoku: nokuba kukumnqophiso omdala okanye komnqophiso omtsha, uYehova ufuna ulwalamano olusondeleyo, lothando nabantu baKhe. Kanti ke, iminqophiso, ngokwayo, inceda ekwenzeni “imigaqo” (kunqabe igama elifanelekileyo) yolo lwalamano. Ulwalamano luyinto ebalulekileyo emnqophisweni, ngalo lonke ixesha okanye imeko. Kanti ukuze lubekho ulwalamano, kudingeka ukuba kubekho unxulumano, unxibelelwano, nokuhlangana, ngakumbi kubantu abanesono, abanokona, abanentandabuzo. UYehova, ngokwazi oku, wahamba phambili ukuqinisekisa ukuba uya kuzityhila kuthi ngeendlela zokuba thina—ngaphakathi kwemida yoluntu oluwileyo—sikwazi ukudlelana naYe ngendlela elulutho.

Funda uEksodus 25:8, umyalelo kaYehova kuIsrayeli wokuba kwakhiwe ingcwele. Zithini izizathu azinikayo uYehova ngokufuna ukuba bakwenze oku?

Impendulo kulo mbuzo, phofu, izisa omnye umbuzo, mbuzo lowo othi, Ngokuba kutheni? Kutheni le nto uYehova efuna ukuhlala phakathi kwabantu baKhe? Inyaniso, mhlawumbi, ingafumaneka kwiindima ezimbini zanamhlanje, ezingentla. Qaphela, uYehova uba “ngumnquba” (okanye “uhlala”) phakathi kwabo; abuye athi akayi “kubacekisa.” Uphinda athi uya “kuhamba” phakathi kwabo abe nguThixo wabo, bona babe ngabantu baKhe (Lev. 26:11, 12). Khangela kwiziqalelo ezi kwezi ndima. Kwakhona, icala lokudlelana luvela ngokucacileyo.

Thabatha imizuzu embala: calula uLevitikus 26:11, 12 noEksodus 25:8. Bhala phanti iziqalelo ezahlukeneyo ezifanele ngokupheleleyo kwimbono yokuba uYehova uzama ulwalamano nabantu baKhe?

Qwalasela ngokukodwa kwisaci apho uYehova athi “umphefumlo wam awusayi kunicekisa [‘ndingaze ndikruquke’ – IBHAYIBHILE].” Yintoni le inokwenza nengcwele ngokwayo le yenza kubekho indlela oluthi ngayo uluntu oluwileyo lukwazi ukwamkelwa nguYehova, kwaye kutheni oko kubaluleka kakhulu kwinkqubo yokwenziwa komnqophiso?

Isono, Umbingelelo, Nokwamkeleka (Heb. 9:22)

Indlela enyulwe lizulu yomoni weTestamente eNdala ukuba asuse kuye isono netyala yayiyimibingelelo yezilwanyana. Iminikelo yemibingelelo kaIsrayeli inikwe ngeenkukacha kuLevitikus 1 ukuya kwesesi-7. Ingqwalaselo ngononophelo yayinikwa ekusetyenzisweni nasekulahlweni kwegazi kwiintlobo ezahlukeneyo zemibingelelo. Ngokwenene, indawo yegazi kwinkonzo yombingelelo lolunye lweempawu zemibingelelo yakwaIsrayeli. Umntu owonileyo—ngoko, aphule ulwalamano lomnqophiso kunye nomthetho owulawulayo—wayenokubuyiselwa kulwalamano olupheleleyo noThixo noluntu ngokuzisa umbingelelo wesilwanyana njengesime endaweni yakhe. Imibingelelo, neenkonzo zayo, yayizindlela ezinyulwe nguThixo ukuba kubekho ukuhlanjululwa esonweni nasetyaleni. Zazimiselwe ukuhlambulula umoni, kusiwe isono netyala eziqinisekileyo engcweleni ngokutshizwa kwegazi nokubuyiselwa ngokutsha kokudlelana nolwalamano olupheleleyo lomnqophiso lwalowo uguqakayo kuThixo ubuqu oyiNkosi esindisayo.

Ezi mbono zixelwe ngentla zisinceda njani ukuba siyiqonde imibuzo esesiphelweni sesifundo sayizolo?

Kokuphi okubalulekileyo okwakusisiprofeto kumbingelelo wesilwanyana? (Isa. 53:4-12, Heb. 10:4).

ITestamente eNdala yayinyulwe nguThixo ibe ziindlela zokususa isono netyala kumoni. Zaziyeququla imo yomoni kuleyo yokuba netyala nokufanela ukufa iye kweyokuba ngoxolelweyo nobuye wamiliselwa ngokutsha kulwalamano lomnqophiso ophakathi koThixo nomntu. Sekunjalo, yayikho into yokuba imibingelelo yezilwanyana yayijonge phambili ngokwendalo yayo. Ngapha koko, asikho isilwanyana esasinako ukuma endaweni yomntu ngokufanelekileyo ekucamagusheleni isono netyala lomntu. Umbhali wamaHebhere uyibeka ngolwakhe ulwimi: “Akunakwenzeka ukuthi igazi leenkomo neleebhokhwe lisuse izono” (Heb. 10:4). Ngoko ke, umbingelelo wesilwanyana wawulungiselwe ukuba ube kukukhangela phambili ekufikeni koMkhonzi kaThixo onguThixo-mntu, owayeya kufa ukufa okusendaweni yabantu ngenxa yezono zehlabathi. kungale nkqubo athi umoni axolelwe aze amkeleke kuYehova, size sibe simiselwe isiseko solwalamano lomnqophiso.

Zibeke kwindawo yomntu owayephila ngamaxesha eTestamente eNdala, xa babe bingelela izilwanyana engcweleni. Ukhumbula kanaanalo indlela imfuyo eyayibaluleke ngayo kuqoqosho lwabo, kwinkcubeko, nakuyo yonke indlela yokuphila, sifundo sini, oku kwakuyimibingelelo, eyayifanele ukubafundisa ngexabiso lesono?

Okumi Endaweni Yokunye

“Owazinikelayo ngenxa yezono zethu, ukuze asinyothule kwiphakade eli langoku lingendawo, ngokokuthanda kukaThixo uBawo wethu” (Gal. 1:4). Akukho kuthandabuza: omnye wemixholo ezizitshixo (ukuba awusesona sitshixo) seTestamente eNtsha kukuba uYesu Kristu wafa njengoMbingelelo wezono zehlabathi. Ie nyaniso isisiseko salo lonke icebo losindiso. Konke ukufunda ngokwazi uThixo okulikhanyelayo igazi likaKristu kukhanyela intliziyo nomphefumlo wobuKristu. Umnqamlezo ongenagazi awukwazi kusindisa mntu.

Camngca ngendima yanamhlanje uze uphendule le mibuzo: ingaba uYesu wafa ngokuthanda kwaKhe? Wayefela bani? Kwakuza kufeza ntoni ukufa kwaKhe?

Ukufa [kukaYesu] endaweni yabantu [abonileyo] kusisitshixo salo lonke icebo losindiso. UKristu, ngothando lwaKhe ngakuthi, “wazinikela ngenxa yezono zethu” (Gal. 1:4). Wafa ukufa okwakufanele thina. Ukufa kukaKristu esifa endaweni yaboni yinyaniso enkulu ekuphuma kuyo yonke enye inyaniso. Ithemba lethu, lokubuyiselwa, lenkululeko, lokuxolelwa, lobomi obungunaphakade eParadesi, konke kuzinze phezu komsebenzi owenziwa nguKristu, owokuzinikela ngenxa yezono zethu. Ngaphandle kwawo, ukholo lwethu beluya kuba ngamampunge. Singasuka silibeke ithemba lethu nokuthembela kwethu phezu komfanekiso oqingqiweyo wentlanzi. Usindiso luza kuphela ngegazi, igazi likaKristu.

Khangela ezi ndima zilandelayo: Mat. 26:28, Efese 2:13, Heb. 9:14, 1 Pet. 1:19. Zisixelela ntoni ngegazi? Yeyiphi, ke ngoko, indawo edlalwa ligazi kwi-cebo losindiso?

“Asiyiyo intando kaThixo ukuba ungabi nakuthemba, uwuthuthumbise umphefumlo wakho ngokoyika ukuba uThixo akayi kukwamkela kuba unezono kwaye akufanelekanga. . . . Unako ukuthi: ‘Ndiyazi ukuba ndingumoni, yiyo kanye le nto ndidinga uMsindisi. . . . Andinako okuhle okanye ukulunga endingathi ngako ndibange usindiso, kodwa ndibeka phambi kukaThixo igazi elicamagushela konke leMvana kaThixo engenabala, elisusa isono sehlabathi. Kuphela kwesicelo sam esi.’” —Ellen G. White, *The Faith I Live By*, p. 100.

Gxila kwisicatshulwa sika Ellen White esingentla. Sibhale ngawakho amazwi. Senze size kuwe ngqo. Beka olwakho uloyiko nentlungu apho uze ubhale phantsi oko izithembiso ezilapho zikunika kona. Themba lini onalo ngenxa yegazi lomnqophiso omtsha?

Umbingeleli Omkhulu Womnqophiso Omtsha

Ingcwele yasemhlabeni, apho uThixo wanyula ukuhlala khona nabantu baKhe, yayakhelwe kwimibingelelo yezilwanyana. Kanti ke, inkonzo ayizange iphelele ngokufa kwezi zidalwa. Umbingeleli wayelungiselela ngegazi engcweleni ngenxa yomoni emva kokuba umbingelelo ngokwawo wawubulewe. Le nkonzo yonke, phofu, yayisisithunzi, umfuziselo, wento eyayiza kwenziwa nguKristu ngenxa yehlabathi. Ngoko ke, kanye njengemifuziselo (inkonzo yasengcweleni) ayizange iphele ngokufa kwesilwanyana, ukusisebenzela kukaKristu, nako akuzange kuphele ngokufa kwaKhe emnqamlezweni.

Fundela le mini umaHebhere 8:1–6. Thandaza ngezi ndima. Cela uYehova ukuba akuncede ukuqonde oko kuthethwa apha nokuba kutheni le nto kubalulekile kuthi ukuba sikwazi. Wakuba ugqibile, bhala phantsi ngawakho amazwi oko ucinga ukuba isigidimi sikaYehova sikuko kuthi kwezi ndima. Zibuze, kwakhona, Ezi ndima zisinceda njani ukuba siwqonde umnqophiso omtsha?

Kanye njengokuba kwakukho ingcwele yasemhlabeni, ububingeleli, nolungiselelo phantsi komnqophiso omdala, ngokunjalo ikho ingcwele yasezulwini, ububingeleli basezulwini, nolungiselelo lwasezulwini phantsi komnqophiso omtsha. Izinto, phofu, ezaziyimifuziselo nje kuphela, ziyimifanekiselo nje, nesithunzi (Heb. 8:5) emnqophisweni omdala zaba sisiqu komtsha. Kwakhona, endaweni yesilwanyana esingenasipho sokukwazi nto ngokuziphatha esimi endaweni yethu, sinoYesu ongenasono; endaweni yegazi lesilwanyana, sinegazi likaKristu; endaweni yengcwele eyenziwe ngezandla zomntu, si“nomnquba wenyaniso owamiswayo yiNkosi, awamiswa ngumntu” (Heb. 8:2); size endaweni yombingeleli ongumntu onosono owonayo, sinoYesu uMbingeleli omKhulu olungiselela ngenxa yethu. Sinako konke oku engqondweni, masicinge ngamazwi kaPawulos: “Sothini na thina ukusinda, sakuba siluhlizele usindiso olungakanana . . . ?” (Heb. 2:3).

Yicinge: UYesu waphila ubomi obungenasono ngenxa yakho, wafa ngenxa yakho, abe ngoku usezulwini, elungiselela engcweleni ngenxa yakho. Konke oku kwenziwa ukuze kusindiswe wena kwiziphumo zesono ezoyikekayo zokugqibela. Ceba ukuthetha nomnye kwimini elandelayo ngezindaba zimangalisayo, umntu ocinga ukuba kuyadingeka ukuba azive. Lungisa kwangaphambili, ngokusekwe kwisifundo sanamhla, oko uyakukuthetha.

Ulungiselelo Lwasezulwini (Heb. 9:24)

Funda amaHebhere 9:24, ngakumbi kule ndawo enikwe kuyo, le yokuchaza ulungiselelo lukaKristu ezulwini ngenxa yethu emva kokufa okungumbingelelo endaweni yethu. Nangona kukuninzi okunokuthethwa, sifuna ukuqwalasela kwingongoma enye, isaci esisekupheleni, esithi uKristu ngoku uvela phambi kukaThixo ngenxa yethu.

Cinga ngoko kuthethwa koku. Thina, siluluntu oluzele sisono noluwileyo; thina, ababeza kugqitywa kukubengezela kobuqaqawuli bukaThixo xa sijongene nabo ngoku; thina, akukhathali nokuba sibe sibabi kangakanani okanye siwaphule kakubi kangakanani umthetho ongcewele kaThixo, sinoMntu ovela phambi kukaThixo ngenxa yethu. SinoMmeli omi phambi kukaBwo ngenxa yethu. Cinga ngendlela awayeyiyo apha emhlabeni uKristu onothando, oxolelayo, nowamkelayo. Kwalo Mntu mnye ngoku unguMthetheleli wethu ezulwini?

Yenye indawo le yeendaba ezilungileyo. Akuzange kuphelele ekubeni uYesu ahlawule isohlwayo sesono ngenxa yethu, akuba ezithabathele phezu kwaKhe eMnqamlezweni (1 Pet. 2:24), kodwa ngoku umi phambi kukaThixo, uMthetheli phakathi kwezulu nomhlaba, phakathi koluntu nobuThixo.

“Kuba mnye uThixo; mnye nomlamli phakathi koThixo nabantu, umntu uKristu Yesu; lowo wazinikelayo ukuba abe yintlawulelo yokukhulula abantu bonke; ubungqina ke obo bokungqinwa ngamaxesha angawabo” (1 Tim. 2:5, 6). Zeziphi iindawo ezimbini ethi le ndima ifake uYesu kuzo, kwaye ezindawo zaziboniswe njani kwangaphambili kwinkonzo yengcewele yasemhlabeni?

Iindaba ezinkulu zomnqophiso omtsha zezithi ngoku, ngenxa kaYesu, aboni abaguqukayo banaye uMntu obameleyo ezulwini phambi kukaBawo, uMntu owabazuzela oko babengeke bakwazi ukubuzuzela bona ngokwabo, ububulungisa obufezekileyo, ubulungisa ekuphela kwabo obunokuma phambi koThixo, obenziwe ebomini baKhe ngokuva ubunzima (Heb. 2:10), umi phambi kukaThixo, ebanga ngenxa yethu ukuxolelwa esonweni namandla phezu kwesono, kuba ngaphandle kwezi asingeke sibe nethemba, ngoku, ngokuqinisekileyo, nasemgwebeni.

Thandaza ucamnqce ngale mbono yomntu, uMntu oye walingwa ukuba one, omiyo phambi kukaThixo ezulwini. Kuthetha ntoni kuwe buqu oko? Luhlobo luni lwethemba nenkuthazo eliziswa koko?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Neyona ngelosi iphezulu ezulwini yayingenawo amandla okukhupha intlawlulelo yomphefumlo omnye olahlekileyo. Iikerubhi neeserafim zinikwe kuphela ubuqaqawuli nguMdali njengezidalwa zaKhe, kwaye ukuxolelaniswa komntu noThixo kunokwenzeka kuphela ngomthetheli olingana noThixo, oneempawu ezinokunika isidima, zimvume ukuba ukufanele ukuphatha noThixo ongunaphakade endaweni yomntu, nonako ukumela uThixo kwihlabathi eliwileyo. Oma endaweni yomntu nosisiqinisekiso sakhe kufuneka abe nendalo yomntu, unxulumano nosapho loluntu awayeza kulumela, aze, njengommeli wobukumkani bukaThixo athabathe indalo yobuThixo, abe nonxulumano nongenasiphelo, ukuze amtyhile uThixo ehlabathini, abe ngumthetheli phakathi kukaThixo nomntu.”—Ellen G. White, *Selected Messages, book 1*, p. 257. “UYesu uyahubeka: Xa nithi nindivume phambi kwabantu, nam ndiya kunivuma phambi kukaThixo kunye neengelosi ezingcwele. Niya kuba ngamangqina am emhlabeni, amajelo ekuthi ngawo ubabalo lwam lumpompoze kuze kuphiliswe umhlaba. Nam ndiya kuba ngummeli wenu ezulwini. UBawo akaboni isimilo senu esineziphako, koko unibona nambathiswe ngokugqibelela kwam. Ndilijelo ezithi iintsikelelo zeZulu zize ngalo kuni. Wonke ondivumayo ngokwamkela umbingelelo wam wokusindiswa kwabalahlekileyo, uya kuvunywa njengonoxaxheba kubuqaqawuli novuyo lwabahlangulelo.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 357.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1. Funda: Roma 5:2, Efese 2:18, noEfese 3:12. Yintoni eziyithethayo ezi ndima esinceda ukuba siyiqonde inyoba yethu yokufikelela kuBawo ngoYesu?**
- 2. Khangela kwisicatshulwa sesibini sikaEllen G. White esingentla. Qaphela indlela achaza ngayo indawo yomthetheli. Xa uBawo esikhangele, akaboni similo sinesiphako kodwa ubona ukugqibelela kukaKristu endaweni yaso. Gxila koko kuthethwa yile ntetho nize niyixoxe neklasi.**
- 3. Xa ukhangele koko sikufundileyo kule veki, zibuze ukuba ungawuphendula njani lo mbuzo: “Kulungile, uKristu usengcweleni ezulwini. Ke makuthini? Ithetha ntoni loo nto ngokwemihla ngemihla yomgangatho ophathekayo?”**

Isishwankathelo: Umnqophiso omdala—uhlelo lwembingelelo wananiswa ngomtsha; endaweni yezilwanyana ezibingelelwayo ngababingeleli abangaboni engcweleni yasemhlabeni, ngoku sinoYesu, uMbingelelo wethu ogqibeleleyo. Umele thina phambi kukaYise engcweleni esezulwini, esisiseko somnqophiso omtsha nezithembiso zawo.